



Make a difference – read aloud!

Welcome to your special **World Read Aloud Day** edition of the Nalibali supplement! Each year in the first week of March, we celebrate World Read Aloud Day together with people from all over the world who are passionate about children's books and reading.

So why do we make such a fuss about reading aloud to children? Apart from just being fun, reading aloud is an easy way to make a big difference in a child's life.

1. Reading aloud to your children gives you things to talk about. It also helps you get to know each other and builds a bond between you.
2. When you read aloud and children enjoy the story, they see reading as an interesting and satisfying activity, and they realise why they should learn to read for themselves. Motivation is a very important part of becoming – and remaining – a reader. To make reading a habit, children have to *want* to read regularly.
3. Reading aloud shows children how we read and how books work. This knowledge makes it much easier for them to learn to read for themselves.
4. Children are able to understand and enjoy stories that are far beyond their own reading ability when they hear them read aloud.
5. Hearing new words and expressions used in stories develops children's vocabulary and gives them a rich language to draw from when they read and write on their own.

Go to www.nalibali.org or www.nalibali.mobi to sign up your family, reading club or school and help make this the biggest World Read Aloud Day event in South Africa! There are great prizes up for grabs!

Yenza umahluko – funda ngokuvakalayo!

Siyakwamkela kushicilelo olukhethekileyo lohlelo lwakho lweNalibali loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi! Nyaka ngamnye kwiveki yokuqala kweyoKwindla, sibhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi kunye nabantu abaphuma kulo lonke ihlabathi abathanda kakhulu iincwadi zabantwana kunye nokufunda.

Phofu, kutheni sizixakekisa kangaka ngokufundela abantwana ngokuvakalayo? Ngaphandle nje kokuba kusunwabisa, ukufunda ngokuvakalayo yindlela elula yokwenza umahluko omkhulu kubomi bomntwana.

1. Ukufundela abantwana bakho ngokuvakalayo kukunika izinto nemiba onokuthetha ngayo. Kananjalo kunceda ekubeni nazane ngcono kwaye kwakha nobudlelwane phakathi kwenu.
2. Xa ufunda ngokuvakalayo nabantwana belonwabele ibali, ukufunda bakubona njengesenzo esinomdla nesonelisayo, kwaye bathi baqonde ukuba kutheni kufuneka befunde ukuzifundela ngokwabo nje. Inkuthazo yinxalenye ebaluleke kakhulu ekubeni ngumfundi nasekuhlaleni ungumfundi okokoko. Ukuze kube sisiqhelo ukufunda, abantwana kufuneka *bafunde* ukufunda rhoqo.
3. Ukufunda ngokuvakalayo kubonisa abantwana ukuba sifunda njani na kwaye zisebenza njani na iincwadi. Olu lwazi lwenza kube lula kakhulu kubo ukuba bafunde ukuzifundela.
4. Abantwana bayakwazi ukuqonda nokonwabela amabali angaphaya kwamandla abo okuzifundela xa loo mabali bewafundelwa ngokuvakalayo.
5. Ukuva amagama amatsha kunye nolwimi olusetyenziswe ebalini kuphuhlisa isigama sabantwana kwaye kubanika ulwimi olutyebileyo abanokulusebenzisa xa bezifundela naxa bezibhalela ngokwabo.

Yiya ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ubhalise usapho lwakho, iklabhu yokufunda yakho okanye isikolo sakho ukuze uncedise ekwenzeni olu Suku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lube ngowona msitho wakha wamkhulu eMzantsi Afrika! Kukho imidudla yamabhaso anokuphuyelelwa!

How to get involved

This year World Read Aloud Day is being celebrated on 5 March 2014. Join us on this day and read the traditional African story, *How stories began* (see pages 3 to 6) to children you know. Last year Nalibali called on South Africa to help us set a read-aloud record and together we read aloud to more than 13 000 children! This year we'd like even more of you to join us and read to children on this special day – and, of course, then continue reading aloud to them every day of the year.

- On 5 March 2014, read our World Read Aloud Day story (pages 3 to 6) to:
 - your own children, grandchildren, nieces and nephews
 - children in your class or at your school
 - groups of children at specially arranged events at your reading club, library or community centre.
- Plan fun activities linked to the story. Use the ideas on page 7 to help you.
- Make Nalibali World Read Aloud Day badges with your children. Use the template on page 2 or design your own badges.
- Go to "Stories" on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi and download more stories to read with your children. Then let them complete the "Look at what I read" sheet on page 2 to show which stories they read and how much they enjoyed them.

Indlela ongazibandakanya ngayo


USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwalo nyaka lubhiyozelwa ngomhla wesi-5 kweyoKwindla kowama-2014. Sijoyine ngolu suku ukuze ufunde ibali lemveli lase-Afrika elisihloko sithi, *Aqala njani amabali* (jonga kwiphepha lesi-3 ukuya kwele-6) ulifundela abantwana obaziyo. Kunyaka ophelileyo uNalibali wahlaba ikhwelo kuMzantsi Afrika lokuba usincedise simlisele irekhodi lokufunda ngokuvakalayo, nto leyo yenze ukuba sithi xa sidibene sifundele ngokuvakalayo abantwana abangaphezulu kwe-13 000! Kulo nyaka singathanda abantu abaninzi nangaphezulu koku ukuba bazibandakanye nathi ukuze bafundele abantwana ngolu suku lukhethekileyo – baze kananjalo baqhubeke nokufundela ngokuvakalayo abo bantwana yonke imihla enyakeni.

- Ngomhla wesi-5 kweyoKwindla wama-2014, funda ibali lethu loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (kwiphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6) ulifundela:
 - abantwana bakho, abazukulwana nabatshana bakho
 - abantwana abaseklasini yakho okanye esikolweni sakho
 - amaqela abantwana kwimisitho elungiselelwe oko kwiklabhu yokufunda yakho, kwithala leencwadi okanye kwiziko loluntu.
- Cwangcisa imisebenzi yokuzonwabisa enxulumene nebali. Sebenzisa iingcebiso ezikwiphepha lesi-7 ekuncedeni koko.
- Yenzani iibheji zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi nabantwana bakho. Sebenzisani icwecwe lesikhokelo soyilo esikwiphepha lesi-2 okanye ziyileleni ngokwenu iibheji zenu.
- Yiya ku-"Stories" ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi uze ukope amanye amabali amaninzi oza kuwafunda nabantwana bakho. Emva koko ke uze ubavumele bagqibezele uxwebhu oluthi "Jonga ukuba ndifunda ntoni" olukwiphepha lesi-2 ukubonisa ukuba ngawaphi amabali abawafundayo kwaye bawonwabele kangakanani na.



Drive your imagination

Read to me. Every day.
Ndifundele. Yonke imihla.





Make a badge!

1. Cut along the red dotted line to cut out the badge.
2. Colour in the picture.
3. Cut a circle the same size as the badge from some thin cardboard, for example, a cereal box.
4. Use glue to paste the badge onto the cardboard.
5. Use sticky tape or masking tape to attach a safety pin to the back of the badge. Or make a hole at the top and thread some wool or string through it so that you can hang it around your neck.
6. Enjoy wearing your badge as you read and listen to stories on World Read Aloud Day.

Yenza ibheji!

1. Sika ibheji ulandela umgca ongamachaphaza abomvu.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilinganayo nebheji kwikhadibhodi eliphecephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa iteyiphu encamathelayo okanye egquma ngokomeleleyo ukuze uncamathelise isipeliti emva kwebheji. Okanye yenza umngxuma emantla ukuze ufake iwulu okanye umtya khon' ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho njengokuba ufunda kwaye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.



What have you read?

1. Cut out the reading record sheet below and write your name on it.
2. Find the stories on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi. Ask an older child or an adult for help if necessary.
3. Download the stories and read them with the person who usually reads to you.
4. Complete your "Look at what I read" sheet to show how much you enjoyed each story.

Ufunde ntoni?

1. Sika uxwebhu lokufundiweyo olungezantsi uze ubhale igama lakho kulo.
2. Khangela amabali ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi. Cela umntwana omdalana okanye umntu omdala akuncede ukuba kuyimfuneko.
3. Kopa amabali uze uwafunde nalo mntu uqhele ukukufundela.
4. Gqibezela uxwebhu lwakho oluthi "Jonga ndifunde ntoni" ukubonisa indlela olonwabele ngayo ibali ngalinye.


Look at what I read!

Name:

Jonga ndifunde ntoni!

Igama:

Nal'ibali story Ibali lakwaNal'ibali	How much I liked the story Ndilithande kangakanani ibali * ** ***
Feleng learns to read UFeleng ufunda ukufunda	
Mini Meerkat makes a friend UMini Gala wakha ubuhlobo	
The squirrel and the sun UNomatse nelanga	
Haruki's tail Umsila kaHaruki	
The smell thief Isela lamavumba	
The rain bird Intaka yemvula	



Soon the woman was back at the beach with a bundle of the carvings. Once again the turtle dived and took them down, down, down.

When the king and queen saw the carvings, they were very happy and they gave her a beautiful shell.

"For you and for your people, we give the gift of stories. Whenever you want a story, hold this up to your ear and listen," they said.

"But remember this," whispered the king in her ear, "your very first story began with your journey down here."



When at last the woman returned to the shore, her husband, her children and all the people of the village were waiting. They had made an enormous fire that crackled and spat in the darkness.

"And now," they called out to her, "tell us a story. Tell us a story!"

The woman smiled. She held the shell and said, "Yes ... *Nal'ibali* ... here is the story. Ssshhh. Now listen."

And that was how the first story was told.

After that the woman held the shell to her ear and told more and more stories. And if this is the first story that you have heard, just remember, there are many, many more to come.



Fold

HOW STORIES BEGAN

Retold by Wendy Hartmann

Illustrations by Tamsin Hinrichsen

A long time ago, a woman lived with her family in a village in the Kingdom of Zululand. Every Sunday the family went down to the big ocean. The children dug in the sand and played in the waves. The woman made food over a fire while her husband looked for wood washed up by the sea to carve beautiful things: birds, people and all kinds of animals.

During the week the whole family worked hard and in the evenings they sat around the fire. It was too dark for working or playing or carving and it was too early to go to sleep. And this was when the children asked their mother to tell them a story.

"Mama," they begged, "we want stories. Please tell us one."

But no matter how hard she tried to think of a story, she could not. Neither she nor her husband had any stories to tell.

One day, the woman decided to ask her neighbours for help.

"Do you have any stories?" she asked them.

"No-o-oo," they shook their heads, "we don't."

There were no stories. There were no dreams ... and there were no magical tales.

Her husband suggested, "Wife, I think you must go look for stories. I will take care of our children and the house. Find some stories and bring them back."



Drive your
imagination

Nal'ibali
It starts with a story...

So the woman kissed her family goodbye and left. She decided to ask every creature she passed if they had a story to share. The first animal she met was the hare. He came *thump-thumping* along on his big feet.

"Hare!" she called. "Do you have any stories?"

"Stories?" asked Hare. "Oh, I have hundreds, thousands, no ... millions of them."

"Hare, please give me some stories so that I can make my children happy."

"Ummm..." said Hare. "I don't have the time. In any case ... stories in the daytime? ...No!" And *thump, thump, thump* off he went.



Later she saw an owl. When she asked him for stories he fluffed his feathers angrily.

"*Whooo ... are ... yooooo* to wake me? I have no stories. Go to the great fish eagle. He is the one who is awake in the day. Ask him."

So the woman walked to the mouth of the Tugela River where the fish eagle hunted. When she saw him she called his name.

The great fish eagle screeched back at her. "*KOW! kow-kow-kow!* Why are you disturbing my hunting?"

"Oh, wise Fish Eagle," said the woman, "I'm searching for stories. Do you know where I can find some?"

"Yes," said Fish Eagle, "I know who can help you. Go to where the rocks join the sea. Stand there and call for the giant sea turtle."

The woman thanked him and went down to the sea. She had only called for the giant sea turtle twice when he rose up through the water with a great splash.

"Don't be afraid," Sea Turtle said. "Hold onto my shell. I will take you to the sea people who know all things and all stories."

Down, down they went into the sea, right to the bottom, straight to the king and queen of the sea.

"And who is this?" asked the king.

"This is a woman from the dry lands above our waters," whispered the queen.

"What is it that you want, woman of the dry lands?" asked the queen.

"Stories, your Highness. Do you have any that I can take to my people?"

"We do," said the queen. "But do you have something to exchange for these stories?"

"What would you like?" asked the woman.

The king and queen smiled. "We cannot go up to your dry lands. We would like to see what it is like. Bring us something to show us what kind of animals and people there are."

"I will," said the woman.

The giant sea turtle took her back to the dry land and waited while she rushed home to tell her husband everything.

"Oh," he said excitedly. "I have many carvings of animals, birds and people. You can take them all."

“Wena nabantu bakho sinjpha isipho samabali. Nanini na xa nifuna ibali, bekani lo nokrwece endlebeni, ninamele,” batsho.

“Kodwa khumbula oku,” wamsebezela endlebeni ukumkani, “ibali lakho lokuqala liqala ngohambo lwakho lokuza ezantsi apha kuthi:”

Uthi xa lo mfazi ebuyela elunxwemeni, umyeni wakhe, abantwana bakhe kunye nabantu bonke belali babe bemindile. Babebase umlilo omkhulu owawungangaza utaka iintantsi ebumnyameni.

“Ke ngoku,” bonke bamkhwaza, “sibalisele ibali!”



Umfazi wancuma. Waphakamisa unokrwece wathi, “Ewe ... *Nal’ibali* ... nali ibali. *Sssh.* Mamelani ngoku.”

Le ke yaba yindlela ibali lokuqala elabaliswa ngayo.

Emva koko lo mfazi wabeka unokrwece endlebeni wabalisa amabali amaninzi. Kwaye, ukuba eli libali lokuqala olkayo, khumbula ukuba, maninzi kakhulu amabali asezayo.



Fold



AQALIA NJANI AMABALI

Libaliswa kwakhona nguWendy Hartmann

Imifanekiso nguTamsin Hinrichsen

Kudaladala, kwakukho umfazi owayehlala nosapho lwakhe elalini ekumhlaba woMbuso wakwazulu. Rhogo ngeCawe olu sapho lwalusihla luye kulwandlekazi olukhulu olwalukufuphi apho. Abantwana babesomba imingxuma entlabathini baze badlale nasemazeni. Lo mfazi wayepheka ukutya emlilweni lo gama umyeni wakhe wayekhangele iinkuni ezityekezwe luwandle, ukuze aziqingqe enze izinto ezintle: iintaka, abantu nazo zonke iintlobo zezilwanyana.

Phakathi evekini usapho lonke lwalusebenza nzima luze ukutshona kwelanga luhlale ngasemlilweni. Ngeli xesha kwakumnyama kakhulu ukuba basebenze okanye badlale okanye bachwele kwaye lalingekafiki nexesha lokuba balale. Kungeli xesha kanye ke apho abantwana bathi bacela umama wabo ukuba ababalisele ibali.

“Mama,” babongoze ngelitshoyo “sifuna amabali. Nceda usbalisele libe linye.”

Kodwa wathi akuzama ukucinga ngebali, akatsho ukuba nalo. Wayengekho phakathi kwakhe nomyeni wakhe owayenebali anokubalisela abantwana.

Ngenye imini, lo mfazi wagqiba kwelokuba acele uncedo kubamelwane bakhe.

“Ingaba akho amabali eninawo?” wababuzza.

“Ha-a-ayi,” bahlunguzela iintloko, “asinawo.”

Kwakungekho mabali. Kwakungekho maphupha ... nto leyo ethetha ukuba kwakungekho mabali anemilingo.

Umyeni wakhe ucebise ngelithi, “Mfazi, ndicinga ukuba uhambe uyokukhangela amabali. Mina ndiza kubajonga abantwana nendlu le. Hamba uyokufuna amabali, ze uthi wakuwafumana ubuye nawo.”

Uthe ke lo mfazi wanga usapho lwakhe ze wahamba. Wagqiba kwelokuba abuze isidalwa ngasinye adibana naso ukuba sinalo kusini na ibali esinokumcazela lona. Isilwanyana sokugala ahlangene naso yayingumvunda. Weza utsiba-tsiba ngeenyawo zawo ezinkulu.



“Mvundla!” wakhwaza. “Ingaba akho na amabali onawo?”

“Amabali?” ubuzile uMvundla. “Owu, ndinamakhulu-khulu, amawaka-waka, hayi ndinezigidi zawo.”

“Mvundla, nceda undiphe ambalwa ukuze ndonwabise abantwana bam.”

“E-e...” watsho uMvundla. “Andinalo ixesha ngoku. Kwaye ke ...amabali emini? ...Hayi khona!” Watsho *utsiba-tsiba* usimka.

Emva kwexeshana ubone isikhova. Xa asibuza ngamabali savuthulula iimpiko zaso ngomsindo.

“Heyi ungubani ... wena ... undivusa nje? Andinamabali mna. Yiya kukhozi olukhulu. Lulo olungalaliyo emini. Buza lona.”

Ngoko ke lo mfazi waya kwichweba lomlambo iTugela apho ukhozi lwaluzingela khona. Wathi akulubona walukhwaza ngegama.



Ukhozi olukhulu lwakhala lumphendula. “KWA! kwa-kwa-kwa! Kutheni undiphazamisa ndizingela nje?”

“Owu, Khozi olunobulumko,” watsho lo mfazi, “ndikhangela amabali. Ingaba uyazi ukuba ndingawafumana phi na?”

“Ewe,” lwatsho uKhozi, “ndiyazi ukuba ngubani onokukunceda. Yiya kulaa ndawo kudibana kuyo iliwa nolwandle. Yima apho ubize ufudo lwaselwandle olukhulu.”


Lo mfazi walubulela waza wemka ethoba ulwandle. Walukhwaza kabini nje kuphela ufudo olukhulu lwaselwandle lwaza lwanyuka luphuma emanzini, kuvakala ukuphaxaza kwamanzi okukhulu.

“Musa ukoyika,” lwatsho uFudo lwaselwandle. “Bambelela kweli qokobhe lam. Ndiza kukusa kubantu baselwandle abazi zonke izinto nawo onke amabali.”

Behla, behla, behla baya ezantsi elwandle, emazantsi kanye, bafika kukumkani nokumkanikazi wolwandle.

“Ngubani lo ke ngoku?” wabuza ukumkani.

“Lo ngumfazi ovela kumhlaba owomileyo ophezu kwamanzi ethu,” usebeze watsho ukumkanikazi.



“Ufuna ntoni, mfazi wasemhlabeni owomileyo?” wabuza ukumkanikazi.

“Amabali, Kumkanikazi. Ingaba unawo kusini na endinokuwafumana ndiye nawo kubantu bam?”

“Ewe sinawo,” watsho ukumkanikazi. “Kodwa ingaba wena unayo into oza kusitshintshisela ngayo ngamabali ethu?”

“Ningathanda ndininike ntoni?” wabuza umfazi.

Ukumkani nokumkanikazi bancuma.

“Asikwazi ukuya kumhlaba wakho owomileyo. Singathanda ukubona ukuba unjani. Siphathele into ukuze sibone ukuba zinjani izilwanyana nabantu abaphila kuwo.”

“Ndiza kwenza njalo,” watsho umfazi.

Ufudo lwaselwandle olukhulu lwamthatha lwambuyisela kumhlaba owomileyo lwaza lwamlinda lo gama ekhawuleza ukugoduka ukuya kuxelela umyeni wakhe konke ngohambo lwakhe.

“Owu,” watsho echulumancile umyeni. “Ndiqingqe izilwanyana ezininzi, neentaka nabantu. Ungazithatha zonke.”

Kwakamsinyane umfazi wayesele ebuyele elunxwemeni ephethe isipha sezinto eziqingqiweyo. Kwakhona ufudo lwantywila lwaya naye neso sipha ezantsi kanye.

Akuzibona ukumkani nokumkanikazi ezi zinto, bavuya kakhulu baza bamnika unokrwece omhle.



Get story active!

How stories began is a traditional African story that has been retold for *Nal'ibali* by award-winning South African author, Wendy Hartmann. Read the story on pages 3 and 4 of this supplement a few times and then read it aloud to your children and others.

Here are some story reading ideas for you to try.

Before you read aloud


- ★ Introduce the story by reading the title of the story. Ask the children, "How do you think stories began?" Let them share their ideas with you.
- ★ Tell the children that this story is a myth – a story that is told to explain something. Nowadays we have more accurate scientific explanations, but we can still enjoy the many creative stories that tell how things in nature came to be, for example, how dassies lost their tails or why the sun and moon are in the sky. Do you and the children know any stories like this?

While you are reading aloud

- ★ Put lots of expression into your voice as you read the story – especially when you read the sound words like, "thump, thump, thump".
- ★ Help develop children's prediction skills by asking, "What do you think is going to happen?" when the woman meets the hare, and, "Do you think the king and queen will give the woman their stories?" later in the story.
- ★ Help develop empathy by making comments like, "I wonder how the woman felt when leaving her family behind as she set off on her exciting adventure."

After you have read aloud

- ★ Invite the children to ask questions or make comments about the story.
- ★ Talk about whether it matters if the story is "true" or not.
- ★ Retell the story together. Use the words from the story and/or the children's own words to do this.
- ★ Encourage the children to interpret the story by asking them to draw or paint a picture of their favourite part.
- ★ Ask children to draw a map of the area in which the story takes place. Suggest that they show the woman's village, the place where the king and queen of the sea live and the route the woman takes on her journey to find stories.



Neo's dad
Utata
ka-Neo

Neo

Yenza ibali linike umdla!

Ibali elithi, *Aqala njani amabali* libali lemveli lase-Afrika eliphinde labaliselwa u*Nal'ibali* ngumbhali ophumelele imbasa waseMzantsi Afrika, uWendy Hartmann. Funda eli bali kwiphepha lesi-5 nelesi-6 kolu hlelo amaxesha ambalwa uze emva koko ulifunde ngokuvakalayo ulifundela abantwana bakho nabanye abantu.

Nazi ezinye iingcebiso zokufunda ibali onokuzizama.

Phambi kokuba ufunde ngokuvakalayo

- ★ Yazisa ibali ngokufunda isihloko seballi. Buza abantwana wenjenje, "Nicinga ukuba aqala njani amabali?" Bavumele babelane nawe ngezimvo zabo.
- ★ Xelela abantwana ukuba eli bali yintsomi – ibali elibaliswa ngeenjongo zokucacisa into ethile. Kule mihla sineenkcazelo zenzululwazi ezichanekileyo, kodwa sisawonwabela amabali amaninzi abaliswa ngobuchule nachaza indlela yokwenzeka kwanobukho bezinto ezithile endalweni, umzekelo, indlela yokuphulukana kweembila nemisila yazo okanye isizathu sokuba ilanga nenyanga zibe sesibhakabhakeni. Ingaba akho amabali afana nala eniwaziyo nabantwana bakho?

Lo gama ufunda ibali ngokuvakalayo

- ★ Yenza ilizwi lakho livakalise iimvakalelo xa ufunda ibali – ingakumbi xa ufunda amagama avakalisa izandi afana nala, "phaxa, gxada, ngqu".
- ★ Nceda uphuhlise izakhono zabantwana zoqikelela okanye zokuxela kwangenx' engaphambili ngokubabuza wenjenje, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?" xa umfazi ehlangana nomvundla, okanye wenjenje, "Ucinga ukuba ukumkani nokumkanikazi baza kumnika umfazi amabali abo? xa sele kuphakathi ebalini."
- ★ Nceda uphuhlise uvelwano ngokwenza amagqabantshintshi afana nala, "Kazi ukuba lo mfazi wayeziva njani xa eshiya usapho lwakhe ngasemva ethatha uhambo lwakhe lobudelakufa noluchulumancisayo."

Emva kokufunda ngokuvakalayo

- ★ Mema abantwana ukuba babuze imibuzo okanye benze amagqabantshintshi malunga nebali.
- ★ Thethani malunga nokuba bubalulekile kusini na "unyani" bebali okanye hayi.
- ★ Phindani nibalise ibali ninonke. Sebenzisani amagama avela ebalini kunye/okanye namagama asuka eabantwaneni ukwenza oku.
- ★ Khuthaza abantwana batolike ibali ngokubacela ukuba bazobe okanye bapeyinte umfanekiso weyona ndawo bayithandileyo ebalini.
- ★ Cela abantwana ukuba bazobe imephu yommandla apho ibali liqhubeka khona. Cebisa ukuba babonakalise ilali yomfazi, indawo apho ukumkani nokumkanikazi bolwandle bahlala khona kunye nendlela umfazi awayithathayo ukuya kukhangela amabali.

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on *Nal'ibali's* radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo ye*Nal'ibali*:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.


SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Get the story ready to read!

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. To separate the pages, cut down the middle of pages 4 and 5.
3. Fold along the red dotted line.
4. If possible, keep the story in a plastic pocket to protect it.

Yenza ibali lilungele ukufundwa!

1. Khupha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Ukoahlula amaphepha, sika phakathi iphepha lesi-4 nelesi-5.
3. Lisonge kumgca onamachaphaza abomvu.
4. Ukuba unakho, gcina eli bali kwisingxobo esiyiplastiki ukulikhusela.



Story corner

Here is the final part of the story about Malusi, his sister and the dreaded Bath Monster for you to read aloud or tell.

Malusi and the Bath Monster (Part 2)

by Leo Daly

"Don't be scared, Malusi," I say to myself. "There is no such thing as a Bath Monster."

And then it happens! At first there's a soft gurgling sound. Then there is a squeaking and a squelching and a whoosh. And finally something shoots right up out of the plug hole: THE BATH MONSTER!

Before I can do anything, the Bath Monster blinks its four big eyes and says in a deep, watery voice, "You're not the dirty one. That's your sister, isn't it? She always says nasty things about me – and they're not true. None of the Bath Monsters like to eat children."

"You don't?" I say, feeling very relieved.

"Not at all," laughs the Bath Monster. "I don't mind eating soap and sponges every now and again, but I'd never eat a child." Then the Bath Monster gives me a big smile. "And the Toilet Monster doesn't like to eat children either. Neither does the Shower Monster. The only monster who does like to eat children, is the Bed Monster. But don't worry, Malusi, it never eats clean children – only dirty ones, who go straight to bed without taking a bath!"

Oh, no! What about Zandi! I tell the Bath Monster all about my sister.

"There's no time to waste," says the Bath Monster. "Scoop up a glass of water and run as fast as you can to Zandi's room."

I get there just in time – the Bed Monster's mouth is wide open. It's about to swallow Zandi. "Go away, monster!" I shout. Then I throw the water all over my sister.

"Hooray!" shouts the Bath Monster. "Now she's clean and safe."

That's right. I saved Zandi from the Bed Monster! And this is exactly what I tell Mama when she asks me why I threw a glass of water on my sister. I don't know if she believes me. But every word of it is true – I promise. Cross my heart that I won't lie, and if I do I'll eat a fly!

Tell us if you liked the story, *Malusi and the Bath Monster* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.

Illustration by Magriet Brink
Umfanekiso nguMagriet Brink



Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga noMalusi, usisi wakhe negongqongqo eloyikwayo lasebhafini onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

UMalusi neGongqongqo laseBhafini (Inxalenye 2) nguLeo Daly

"Musa ukoyika Malusi," ndizomeleze ndatsho. "Akukho nto injalo apha, akukho Gongqongqo laseBhafini."

Kanye ngelo xesha yenzeka into! Kuqala kubekho isandi ngathi sesokurharhaza. Emva koko ndive isandi esingaqhelekanga ngathi kuyancwinwa kwaza kwangathi kuyaduduma. Ekugqibeleni kwabakho into etsibayo ephuma emngxunyeni wokuchitha amanzi. IGONGQONGQO LASEBHAFINI!

Phambi kokuba ndithi nye, iGongqongqo laseBhafini laqhwayaza ngaloo mehlo alo mane, lathi ngelizwi elingqokolayo, "Ayinguwe lo umdaka. Ngusisi wakho, anditsho? Usoloko ethetha kakubi ngam – kodwa akutshoyo akuyonyaniso. Akukho nalinye iGongqongqo laseBhafini elithanda ukutya abantwana."

"Anikuthandi?" nditshilo, ndiziva ndikhululekile.

"Hayi, konke konke," lihleke lisitsho iGongqongqo laseBhafini. "Andikuchasanga ukutya isepha neziponji ngamanye amaxesha, kodwa andisoze ndimtye umntwana." Kanye ngelo xesha iGongqongqo laseBhafini landincumela ngolubanzi lona uncumo. "Nditsho neGongqongqo leNdlu yangaSese nalo alikuthandi ukutya abantwana. NeleShawa iGongqongqo alikuthandi ukutya abantwana. IGongqongqo elithanda ukutya abantwana leleBhedi kuphela. Kodwa ungakhathazeki, Malusi, alibatyi abantwana

abacocekileyo – litya abamdaka kuphela, abaya kulala bengakhange bahlambe.

Owu, hayi bo! Uzakuthini uZandi! Ngokukhawuleza, ndixelele iGongqongqo laseBhafini konke malunga nodade wethu.

"Masingachithi ixesha," litshilo iGongqongqo laseBhafini. "Yikha iglasi yamanzi uze ubaleke kangangoko unakho uye egumbini likaZandi."

Ndifike kanye ngexesha elifanelekileyo – iGongqongqo laseBhedini lalisele likhamisile. Lilungele ukumthi bimbilili uZandi. "Mka, gongqongqo!" ndakhwaza njalo. Ndaza ndachithela udade wethu ngaloo manzi.

"Halala!" lakhwaza iGongqongqo laseBhafini. "Ngoku ucocekile kwaye ukhuselekile."

Kunjalo. Ndimdisile uZandi kwiGongqongqo laseBhedini! Oku kuko kanye endikuxelele uMama xa ebuza kutheni ndichithele udade wethu ngegiasi yamanzi. Andazi nokuba uyandikholelwa kusini na. Kodwa konke kuyinyaniso – ndiyathembisa. Ndiyafunga ngenene ukuba andisoze ndiphosise, kwaye ukuba ndiyaphosisa ndiza kutya impukane!

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *UMalusi neGongqongqo laseBhafini* – SMSa u-"Bookmark" negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabisa i-R1,00.

In your next Nal'ibali supplement:

- Why having books to explore is important
- Days to celebrate in March
- Story Star: journalist and award-winning story writer, Zukiswa Wanner
- A cut-out-and-keep book, *Tuft and Patch make patterns*
- A new Story Corner story, *Kamuzu's voice*

Need help coming up with ideas to help your children's literacy grow? Visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi for our growing collection of reading and writing tips!



Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Kutheni kubalulekile ukuba neencwadi ekuchutyelwana ngazo
- Iintsuku ezinokubhiyozelwa kweyoKwindla
- Imbalasane yebali: intatheli kunye nombhali wamabali ophumelele imbasa, uZukiswa Wanner.
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine esihloko sithi, *UTuft noPatch benza iipatheni*.
- Iballi elitsha lendawo yamabali, *Iizwi likaKamuzu*.

Ingaba udinga uncedo malunga neengcinga neembono eziza kunceda ukuphuhlisa ilitheresi kubantwana bakho? Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ukuze ube nokufikelela kwingqokelela yethu ekhulayo yeengcebiso zokufunda nokubhala!

